



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**NOVEMBA 2019**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: liyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha ali-12.**

**IPHEPHA LEMIYALELO NEENGACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:  
ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)  
ICANDELO B: Ushwankathelo (10)  
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (30)
2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.
6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
9. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:  
ICANDELO A: Imizuzu engama-50  
ICANDELO B: Imizuzu engama-30  
ICANDELO C: Imizuzu engama-40
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBULO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA**

Funda IZICATSHULWA A no B ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

**ISICATSHULWA A****IMBEKO AYIKHETHE BANI**

- |   |   |
|---|---|
| 1 | <p><b>Akukho kungabaza xa kuchazwa imbeko.</b> Ngazwinye, umthetho, isiko, isithethe, indalo, inkolo, ziyibona imbeko iphakathi komntu nomntu, umntu nomntwana, umntwana nomntu, de kuye kuqhina kwizilwanyana nabantu, inkcubeko nabantu okanye izindlu nabantu. <u>Eli gama 'umntu' ngokwale nkcaza libhekisa kum nawe kwaye lithetha ukuba ayikho imbeko engekho umntu.</u> 5</p> <p>Ndicinga ukuba ayiphelelanga inkcaza yembeko engaquki izithako ezifana nentlonipho, intobeko, ukuxabisa umntu, ukumphulaphula nokumhoya. Intetho yamaXhosa ethi, 'inik'inika', ithetha ukuba 'yenza kwabanye njengoko ufuna kwenziwe kuwe'. Lilonke, ukuba nembeko kukunika imbeko kumntu ngamnye ungajonganga nzuzo, ungayisekanga nakubudala. Ngaloo ndlela imbeko isisithako esibalulekileyo sokugxeka nokuncoma ukuchubeka komntu. 10</p>                         |
| 2 | <p>Iciko lakwaTom xa lichaza imbeko lithi, 'imbeko asiyiyo nanto ukuba yigolide kwaXhosa' kwaye ayinalo inqanaba lobomi engafuneki kulo. Ibutyhutyha' bonke ubomi boluntu ukususela ebuntwaneni ukuya ezinkondeni ide iye kuqhina ekuhlonipheni izinyanya. Asithi na kaloku ilizwi lezinyanya alizanga lawa phantsi? Ongaziniki imbeko izinyanya angathi kanti uzivimba ubutyebi beli lizwe. 15</p>   |
| 3 | <p>Imbeko iqala ekhaya. AmaKristu athi, 'Beka uyihlo nonyoko ukuze imihla yakho yolulwe emhlabeni'. <i>Ikakhulu kulindelwa ukuba imbeko isuka komncinane iye komkhulu nangona kubayimfuneko ukuba iqale komdala iye komncinane.</i> OkaMavela uluxhasa olu luvo ngokuthi, isizwe esizinzileyo sisizwe esikholose ngokubantloni nesikhuthaza intlonipho phakathi kwabantu. Kweso sizwe, omncinci uhlonipha omdala, ukuze nomdala alinganisele lowo umncinci ngentlonipho emfaneleyo. Uthathwa njengonembeko wakungali xa uthunywa, ucele xa uza kuhamba, uxele xa ungakwazi ukubuya ngethuba lesiqhelo, uphendule ngentlonipho lonke ixesha; 'ewe mama, ewe tata', ewe mntwanam, ungamgrwangxuli umntu, uvisisana ungavisisani nakuthethayo, ukungaphenduli xa ungxoliswa, kanti nokungadlali ngefoni xa kuthethwa nawe. Nabadala ke mabazeke mzekweni. 20</p> |
| 4 | <p>Kuthe kanti zazibalulekile ezinye izinto ezazisenziwa sisebancinane. Abakudala abazali babesazi kunye nabantwana babo ukuba, 'umntwana akangowomzali lo umzalayo kuphela'. Bonke abazali ahlangu nabo umntwana ngooyise noonina kwaye ngumgomo wakhe ukuziphatha ngendlela efanayo abazali bakhe bekho okanye bengekho. Nabazali kufuneka benjenjalo phambi kwabantwana. Asazi nokuba lemka nontloyiya na elo lizwi xa kunamhlanje kuba uva umzali wanamhlanje eligoba eli lizwi esithi, 'akuzalelwana' ngokumthuma nje evenkileni umntwana ungadanga wabhekisa lizwi lithini. Nabantwana namhlanje benza nantoni na phambi kwabangu abazali kuba abazali bakhulelwe kukoyikana endaweni yokuhloniphana. Intetho ethi, 'Umzali uzalela omnye' ingundile, kuba baninzi abazali nabantwana abayishiye apho ikhedamile. 30</p>                                |
|   | <p>40</p>   |

- 5 Masikhe sichophele lo mcimbi wokunika imbeko kumntu ngamnye. Abanye abantu bacinga ukuba umntu ohluphekayo akafanelwanga kunikwa mbeko kwaye naye akafanelanga kunika mntu mbeko. Singayiphehlelela kulo Mzantsi Afrika mtsha ingcingane yokuba umntu odlakazelayo akanakukumisa endleleni athethe nawe? Ukudlakazela kumhlutha ubuntu na umntu? Kwathini le nto kufuneka abantu baqale babe nezinto ukuze banikwe imbeko? Abantu kutshanje sebehlonitshwa ngokwenza izinto ezinkulu okanye babeneemoto zikaNokutsho. Isidima sabazali abangathathi ntweni semka namanzi kubantwana babo bakuhlupheka abo bazali. Sisizwe esinjani eso? 45
- 6 Ubusazi ukuba ngokwenkcubeko yomXhosa, ukubulisa oku kukodwa yindlela yokubonakalisa imbeko? Ndikhumbula kudala babekho abantwana ababesithi bakuya kufunda eJC babuye sele bengasafuni ukuvuka babulise bathi, 'Mholo Tata, Mholo Mama!' ngenxa yokuba becinga ukuba xa abazali babo bengayanga sikolweni bona sele bekwinqanaba elingentla kwembeko. Wonzakala ukhaba iimviko nje! Ululeko sisixhobo sokufumana imbeko. Kumakhaya amaninzi onkqonkqoza abe sele egxuphuleka engena kungekathiwa, 'Ngena!', uyajikiswa, angabi senza naloo nto ebegxashiza eze kuyenza. Akujikiswa uyaqalela ankqonkqoze kude kuthiwe, 'Ngena!', abulise, bavume andule ke ukuthetha oko akuzeleyo. Oku kwenziwa nakowomnye umzi umntwana othunyiweyo. Baqeqeshelwa kumkhwa wokubulisa ukuze kukhule ukuxabisana. Namhlanje sekuthe ndii lo mkhuba wokumbonzeleka kungabuliswa. Nabadala sebethe nkxu kulo mkhuba. Xa ubulisa uthetha ukuthi, 'Ndiyakubona, ndibuxabisile ubukho bakho kule ndawo sikuyo kunye'. 55
- 7 Ayikho imbeko engadutyelwanga ngentlonipho. Nakwilizwe lokuphangela, inik'inika. Umsebenzi makahloniphe umphathi, umphathi ahloniphe umsebenzi. Akubikho sivuno apho bangqavulanayo, bagrwangxulane abaphathi nabasebenzi. Kukhula ukungathembani kuba amehlo agcwala ungcume lokuva ngathi uyacalucalulwa sibe nzathalala isivuno. Ukuba awumhloniphi umphathi, hlonipha isihlalo abekwe kuso. 65

[Isicatshulwa sithathwe kuvimba wabevi]

**ISICATSHULWA B**[Ucatshulwe kwi-[google-images.com](https://www.google-images.com)]**ISICATSHULWA A****Jonga kumhlathi woku-1.**

- 1.1 Bhala ngawakho amazwi isivakalisi esibhalwe ngqindilili. (1)
- 1.2 Chaza injongo yokusetyenziswa kwebinzana, '... libhekisa kum nawe' kwisivakalisi esinomgca ngaphantsi. (2)
- 1.3 Khankanya zibeMBINI kwizithako eziyenza iphelele inkcaza yembeko. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-2.**

- 1.4 Kuthetha ukuthini ukuthi, 'ilizwi lezinyanya alizanga lawa phantsi'? (1)

**Jonga kumhlathi wesi-3.**

- 1.5 Bhala igama ELINYE endaweni yebinzana, 'uyihlo nonyoko'. (1)
- 1.6 Sizisa ntsingiselo ni isihlanganisi, 'nangona' kwisivakalisi esibhalwe bukekela? (2)
- 1.7 Nika ingcamango ephambili yalo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-4.**

- 1.8 Chaza umahluko kwindlela yabazali bakudala yokutolika ubuzali neyabanamhlanje. (2)
- 1.9 Sibethelela ngcinga ni isimamva u-'ana' esiphawulwe ngqindilili? (1)

- 1.10 Xela isizathu sokuba kuthiwe ingundile intetho ethi umzali uzalela omnye ngokwalo mhlathi. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-5.**

- 1.11 Phawula ngokusetyenziswa kombuzo buciko kulo mhlathi. (2)
- 1.12 Ngqina uluvo lombhali olukulo mhlathi ngokunika imbeko abantu abadlakazelayo. (2)

**Jonga kumhlathi wesi-6.**

- 1.13 Chaza indlela yokunqwanqwadela abantwana kumkhwa wokunkqonkqoza phambi kokuba bangene endlini. (2)
- 1.14 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Injongo yokusetyenziswa kwentetho ngqo ngokuzingileyo kulo mhlathi:
- A Kukuthundeza ngomfanekiso ngqondweni wencasa.  
 B Kukuthundeza ngomfanekiso ngqondweni wokuva.  
 C Kukuthundeza ngomfanekiso ngqondweni wokuphatha.  
 D Kukuthundeza ngomfanekiso ngqondweni wevumba. (1)

**Jonga kumhlathi wesi-7.**

- 1.15 Caphula amagama aMABINI alandelelanayo axela izenzo zabantu abangenambeko. (2)

**ISICATSHULWA B**

- 1.16 Chaza ubaxo olubonakala kulo mfanekiso. (2)

**ISICATSHULWA A no B**

- 1.17 Xela isenzo esinokwenza esi sibini sithathwe njengesingenambeko ngokomhlathi wesi-3. (2)
- 1.18 Ingaba ISICATSHULWA B siyawuxhasa umyalezo wesicatshulwa A? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: USHWANKATHELO****UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA.**

ISICATSHULWA C sithetha **ngezinto onokuzenza xa uqala ishishini**. Shwankathela ngamazwi akho unike izinto onokuzenza xa uqala ishishini.

**QAPHELA:**

1. Bhala UMHLATHI usebenzise amazwi akho kangangoko unako.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma ezisiXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**ISICATSHULWA C****UKUQALA ISHISHINI**

Kubalulekile ukuba xa uza kuqala ishishini uyazi imveliso oza kushishina ngayo nezakhono onazo eziya kukunceda ukulikhulisa. Qala ngokwenza isicwangciso phambi kokuba ugxile ekwakheni ishishini. Thabatha usiba lokubhala nephapha ubhale oko ufuna ukukuqala nezinto oza kuzifuna. Makucace gca ukuba ushishino lwakho lugxile kuluphi udidi lwabantu umzekelo abaphangeli, abengingqi yakho, abakhathelele impilo yabo, ababudala buthile okanye abangenalo ithuba lokwenza imisebenzi yekhaya. Zibuze ukuba uza kukhuphisana nabani na. Qinisekisa ukuba sele bebangaphi abantu asele beshishina ngale mveliso uzimisele ukushishina ngayo uze uthelekise amaxabiso abawabizayo nomgangatho wemveliso, ukuze ukusebenzise oko ngenjongo yokuloba abathengi abaninzi.

Njengosomashishini kubalulekile ukuba uzithengise ebantwini ngendlela efanelekileyo ngokuthi ubachazele inzuzo abaya kubanayo ngokuthenga le mveliso yakho. Umzekelo ukuba uthengisa isiqhelo somzimba khetha isigama esiza kubenza abathengi abo babenomdla. Khumbula ke ukubeka phambili ukuthengisa izinto ezisemgangathweni kunokuthengisa izinto ezininzi ezingekho mgangathweni.

Chonga ixesha elifanelekileyo lokuthengisa imveliso yakho nabantu oza kubathengisela. Kubalulekile ukuba nesakhono sokubona indlela eliqhuba ngayo ishishini lakho. Yiba nekhasi lonxibelelwano elinjengofacebook oqamele ngalo oza kuthi uthethe kulo xa uthengisa imveliso yakho. I-intanethi lilizwe elityebe zizixhobo ezilinde wena ukuze uzikhangele wakugqiba uzisebenzise. Ugoogle makabe ngumhlobo wakho omkhulu kuba xa kukho into ongakwazi ukuyenza, bhenela kuye uya kuba sisisombululo saloo ngxaki unayo.

Ukukhulisa eli shishini lakho, cela uluvo kumcebisi werhafu ukuze uqiniseke ukuba awugilani nemigaqo yokuhlalulwa kwerhafu. Vula i-akhawunti yeshishini lakho ebhankini ukuze ukwazi ukulandelela ingeniso nenkcitho yeshishini.

Kubalulekile ukwenza isicwangciso sexesha elifutshane nesexesha elide ukuze ukwazi ukujonga ukuba ubheka phambili na okanye ubuya umva ukuze ulungise. Esi sicwangciso masidandalazise indlela oza kuyichitha ngayo ingeniso yeli shishini khonukuze uncedakale uthabathe izigqibo zokuliqhuba ngempumelelo. Nokokuba awunazixhobo zisemgangathweni uxhomileyo ungenza lukhulu ngoko unakho. Thabatha usiba nephepha ubhale konke onqwenela ukukwenza ukuqala ishishini elo lakho.

[Sicatshulwe kwimagazini ethi, *Sanlam Reality*, iphepha lama-38–39 saguqulelwa esiXhoseni, saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**



**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI****UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO**

Funda esi sibhengezo ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA D**

[Sicatshulwe kwi-<http://google.adverts.internet> saguqulelwa esiXhoseni saze sahlalwa]

- 3.1 Nika imisebenzi yale mveliso ibemiBINI. (2)
- 3.2 Xela igama lale mveliso ithengiswayo. (1)
- 3.3 Sinika ntsingiselo ni ngale mveliso isiphawuli, 'entsha'? (1)
- 3.4 Nika isizathu sokusetyenziswa komfanekiso wentombazana nemoto entle kule ntengiso. (2)
- 3.5 Kubethelela ngcinga ni ukuphindaphinda igama u 'hlala' kule ntengiso? (1)
- 3.6 Ngumqondiso wantoni umbala omhlophe? (1)
- 3.7 Ingaba uyangqinelana nebango lokuba lungqingqwa ukhuseleko kwiintsholongwane xa luyi-98%? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

**ISICATSHULWA E**

ISAKHELO SOKU-1

ISAKHELO SESI-2

ISAKHELO-3

[Ithatyathwe kwi-intanethi ku [www.feuti.com](http://www.feuti.com) yaguqulelwa yaze yahlelwa]

- 4.1 Bhala intetho kaZani ekwisakhelo sokuqala ngamazwi akho. (1)
- 4.2 Nika iindlela zibeMBINI zobaxo ezisetyenziswe kwisakhelo sesi-2. (2)
- 4.3 Chaza umahluko kwisithomo sikaTie ngexesha agxothwayo nangexesha emkayo emsebenzini. (1)
- 4.4 Kunika ngcinga ni ukunyukela kwenani lophawu lokukhuza kwisakhelo sesi-3? (2)
- 4.5 Ngqina ukuba nabasebenzi bebengonwabanga ngobukho bukaTie emsebenzini. (2)
- 4.6 Ucinga ukuba umzobi wale khathuni unengcinga ebethelelekileyo ngesini esithile kwindawo zokuphangela? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

**UMBUZO 5: IPROZI**

Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA F****IMBEKO**

- |   |   |         |
|---|---|---------|
| 1 | Imbeko asiyiyo nanto ukuba <i>yigolide</i> kwaXhosa. Yiyo loo nto ongenayo engabalelwa bantwini, nqwa nebhuxenge lesilambi. Imbeko le yendele nzulu ebomini besiXhosa, yaye ibutyhutyha bonke ubomi boluntu ukususela ebantwaneni ukuya kutsho ezinkondeni esezitshotshobelela ngasemangcwabeni azo. Phofu esona siphelo asibubo budala kuba ezi nkonde zisebenzisana nezinyanya. Andithi ilizwi lesinyanya alizanga lawa phantsi kwaXhosa? – Ukuba igqirha lithe izinyanya zifuna kwenziwe oku noku, akusokuze kungenziwa. Nangona imbeko isuka ikakhulu komncinane iye komkhulu, ngamanye amaxesha kuba yimfuneko okokuba iqale komdala iye komncinane. | 5<br>10 |
| 2 | Uthi wakubhekisa ezantsi ukucinga ngeempembelelo zembeko ebomini bakwa Xhosa, ube nomoya wokuthi mhlawumbi ookhokho bookhokho abaseka obu bomi, ukuba kukho into enjalo, beva iMvana xa yayisithi, ' <b>Banoyolo</b> abenza ubulungisa kuba bona baya kubizwa ngokuba bangabantwana bakaThixo.' Ndinalo mcamango kuba ndisazi ukuba imbeko ithe xhaxhe nangaphezu kobuthixo kwaXhosa.   | 15      |
| 3 | UThixo oxolelayo uyabaxolela abantu baKhe, uxolo lwakhe luphakathi kwakhe nomntu, naphakathi komntu nomntu. Kunjalo kuba, lukho uxolo phakathi kwabantu, uthando luya kubakho. Uthando luzala uvelwano. Zonke ezi zinto ziimpawu zeZulu, into ethetha ukuba unazo sowuphawulelwe iZulu.   | 20      |

[Sithathwe kwincwadi ethi, *Ndithungile Selani* ebhalwe ngu: DV Tom, iphepha lama-95 saze sahlewa]

- 5.1 Nika intsingiselo yegama elibhalwe bukekela kwisicatshulwa. (2)
- 5.2 Yakha isivakalisi esitsha ngesenzi **u-zifuna** sibe neenjongsenzi ezimbini. (2)
- 5.3 Xela umsebenzi wesakhi esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi. (1)
- ... ukususela ebantwaneni ukuya kutsho ezinkondeni.
- 5.4 Yakha isivakalisi esinegama elibhalwe bukekela kwesi sivakalisi singezantsi sibe nentsingiselo eyahlukileyo. (2)
- Imbeko le *yendele* nzulu.
- 5.5 Xela udidi lwesibanjalo esibhalwe ngqindilili kumgca we-13. (1)

5.6 Chaza indlela esisetyenziswe ngayo isifanekisozwi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singezantsi.

.... imbeko ithe xhaxhe nangaphezu kobuthixo kwaXhosa. (1)

5.7 Bhala igatya eliyintloko lesi sivakalisi silandelayo.

UThixo oxolelayo uyabaxolela abantu baKhe. (1)  
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**

**AMANQAKU EWONKE: 70**